Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2017

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

*IXHOHL1*

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
   | ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
   | ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.

8. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:
   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**EMVA KWEEMVIWO**

1 Kuthe qabu uNoqolomba efile nje. Liphelile ixhala ebeliphethe abantwana abasezikolweni, liphethe kwaneetitshala zabo, liphethe kwanabazali. Luvuyo nemincili kubantwana abaphumeleleyo, liqhayiya kwiititshala zabo, libhongo kubazali. Zizikhalo neenyembezi kubantwana abangaphumelelanga, ludano ezititshaleni, zizingqala kubazali abamali imke nomsinga, nabanjongo zibhukuqekileyo ngokuwa kwabantwana babo eluviweni. Ityala lokungaphumeleli kwabantwana lingabekwa kubani na? Abazali balibeka ezititshaleni. Iititshala zilibeka kubazali nasebantwaneni, zisithi abazali bayabalibazisa abantwana bangafiki ngexesha esikolweni. Abantwana balibeka ezititshaleni besithi ezi zinto zibuziweyo emaphepheni oviwo abakhange bazifundiswe. Kucacile ke ukuba lo nam-nawe walatha ukuba likho ityala kulowo likuye.

2 Likho ityala ebantwaneni abathe, ngakumbi ekuqalekeni konyaka, ababi nanyameko nankuthalo emsebenzini wesikolo; abathi kufundiswa nje babe belibele kukudlala nakukucinga ngezinto ezingadibenanga neencwadi, bengafuni kufunda kanti noko bayafuna ukuphumelela eluviweni. Nelona chule letitshala lifumana ubunzima kubantwana abanjalo, kuba umntu unokulisa ihashe emlanjeni, kodwa akanakho ukulinyanzela ukuba lisele. Bakho abantwana abangqondo ibuthuntu ngendalo, abo ke asingethethi nto ngabo. Kuyenzeka ukuba abantwana abanje bathi kanti bangamagcisa atshatsheleyo kumsebenzi wezandla. Ibuhlungu ke ngoko imeko engavumiyo ukuba kubekho amathuba aneleyo neendawo ezininzi apho banokubonakalisa khona ngokupheleleyo ubuchule babo abantwana bolu didi.

3 Likho ityala ezititshaleni ezithi endaweni yokuwucola umsebenzi nokufundisa ngendlela eyiyo, zisuke zithembele ekuqasheleni nasekufuniseleni ukuthi imibuzo yovela ngohlobo oluthile; zithi ngokwenjenjalo kanti zishiya iindawo eziya kuvelelwa liphepha lemibuzo. Sivela xa kunjalo ke isikhalazo sabantwana. Kukho isifo esikhulu kwezinye iititshala – ukonqena ukulungiselela izifundo zengomso, loo nto ibangele ukuba ititshala ibhule isela iphothula izandla iganda ndaweni nye. Kukho nesinye isifo - ukonqena ukwenza izihlabo ezincwadini zabantwana, ongafika iincwadi ziyimfumba kwatitshala, zihleli amalombololo eentsuku zingachukunyiswa, utitshala elibele kukusukela umoya. Uthi noMphathi-sikolo onyanzelisa ukuba awabone amanqaku olungiselelo lomsebenzi oza kwenziwa, nawomsebenzi osewenziwe, abe ngumntu ombi.

4 Kukho nobuqhitala bokunika abantwana izohlwayo amabazenze phaya phandle ngexesha lesikolo lo gama abanye abantwana bafundayo. Ititshala eyenza loo nto izinqumla umqala kuba abo bantwana bayaphoswa zezo zifundo. Kwaye ke zibaphosile nje zibaphosile, ixesha alilindi mntu. Uqeqesho lwabantwana lwenziwa ngeziyalo nangomzekelo omhle wetitshala. Ayimele kulindela iziqhamo ezihle ebantwaneni ititshala eziphethe kakubi nenxilayo, kuba eso simo sikhupha isidima sayo emehlweni abantu, baze abantwana bangayihloneli, bathi nokuyithobela benziwe kukoyika uswazi.

5 Abazali bamsulwa na bona koku kuwa kwabantwana ezimviweni? Nakanye. Kumabanga asezantsi apho abantwana bafunda behlala emakhaya kufuthi kangakanani na ukuthi abantwana baphuthe esikolweni ngokuthunywa ngabazali evenkileni, edolophini, emasimini, ediphini nakweminye imisebenzi yekhaya? Bayazithengelwa na abantwana iincwadi, belinikwa ngokwaneleyo na lona ixesha lokuhlaziya oko bakufunde esikolweni? Bayakhuthazwa na ngazo zonke iindlela ukuba basithande, basinyamekele isikolo? Bayatya, bahluthe na kukutya okufanelekileyo phambi kokuba baye esikolweni? Kaloku siyazi ukuba ingqondo ephaphileyo isemzimbeni ophilileyo. Umntwana olambayo uyanyaba ozele, kungabi lula ukungenisa izifundo engqondweni. Bagcinwa becocekile na imizimba nezinxibo zabo? Umntwana omdaka oqhelezela iintwala uyonyanyeka, acukulwe nangabanye abantwana, angasithandi ke ngoko isikolo.

6 Amaxhala anokuphela na umntu esadla ubomi? Bekusathe qabu zidlule nje iimviwo, kodwa ngoku kungene amanye amaxhala anje ngala: isiqalo somnyaka omtsha, iimali zokufunda kwabantwana, ezeencwadi, ezezinxibo, ezoololiwe zokuya kwabantwana esikolweni, nexhala lokuba wophela na lo mnyaka mtsha abantwana bengenzanga sidubedube bagxothwe esikolweni. La maxhala kwakunye namanye azalise iingqondo zabazali. Kungoko beman' ukuzenza bezenzile iziyalo zokuba abantwana maze bathobele amagunya asesinaleni, baziphathe kakuhle benyamekele izikolo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *'Amavo Amafutshane'* ebhalwe ngu A. Madala, amaphepha 59–61, saze sahlelwa]

1.1.1 Yintoni le ibiphethe abantwana, abazali, kwaneetitshala? (1)

1.1.2 Chonga ibinzana elibonakalisa ukuba ayinguye wonke umntwana owonwabayo emva kweemviwo. (1)

1.1.3 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi 'abamali imke nomsinga'? (2)

1.1.4 Ingaba uyangqinelana nentetho ethi **'unokulisa ihashe emlanjeni, kodwa akanakho ukulinyanzelisa ukuba lisele**' ngokubhekiselele kwimfundo yabantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Khankanya izinto zibeMBINI ezingadibenanga neencwadi ezinokuthi zicingwe ngabafundi xa befundiswa. (2)

1.1.6 Safobe sini esisetyenziswe kwesi sivakalisi silandelayo?

‘... zisuke zithembele ekuqasheleni nasekufuniseleni ...’ (2)

1.1.7 Xela isichasi segama ‘ukonqena’ njengoko lisetyenziswe kwisicatshulwa. (1)

1.1.8 Ukuze abantwana bakheke kufuneka utitshala aziphathe kakuhle. Ngqina la mazwi ngokucaphula isivakalisi apha kwisicatshulwa. (1)

1.1.9 Ngokoluvo lwakho ingaba utitshala unalo ilungelo lokuqweba isidima ngokoyikisa abantwana ngoswazi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.10 Nika intsingiselo yegama ‘**nakanye**’ njengoko lisetyenziswe ngumbhali kwisicatshulwa. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Kanye
B Akunjalo
C Kunjalo
D Ngokuphindeneyo (2)

1.1.11 Xela isigaba sentetho esiphinda-phindiweyo kwesi sivakalisi singezantsi:

‘... ngabazali evenkileni, edolophini, emasimini, ediphini nakweminye imisebenzi yekhaya?’ (1)


1.1.12 Zinto zini ezingakhankanywanga kwisicatshulwa ezinokudala amaxhala kubazali xa abantwana besiya esinaleni? Khankanya zibeMBINI. (2)

1.1.13 Ngokolwazi lwakho ingaba iziyalo zabazali ziyasebenza kulutsha lwanamhlanje? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.14 Ufunde ntoni kwesi sicatshulwa? (2)

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso ungezantsi:



[Uthatyathwe kwi-intanethi www.zurreal.co.za]

1.2.1 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso ungasentla? (1)

1.2.2 Uvakalelwa njani lo mntu ukulo mfanekiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.3 Ingaba isicatshulwa A sinxulumene ngantoni nokwenzeka kumfanekiso okwisicatshulwa B? Ziphinde zahluke ngantoni? (2)

1.2.4 Ngcebiso zini onokuzinika umfundi ukuze angazibhaqi ekule meko yalo mntu ukulo mfanekiso ukwisicatshulwa B? Nika zibeMBINI. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### ISICATSHULWA C

- Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi uze ushwankathele ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Iingongoma zakho mazibe-7 (7)
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

**INJONGO YEMFUNDO**

1 Kwasemvelini yayikho imfundo kumaXhosa. Umntwana oyindodana wayefundiswa kwasebuncinaneni bakhe ngezinto ezisisiseko ebomini bomntu, eziya kulindeleka kuye akuba ekhulile. Uqeqesho lokuqala wayelufumana phaya ezindle ngokufundiswa ukuxonxa iinkabi zomdongwe, iingqayi nezinye izinto ezenziwa ngomdongwe. Ubelufumana uqeqesho nasekulweni, akhutshwe intaka ngokuthelekiswa nabanye oogxa bakhe ebukhwenkweni.

2 Ibisakuba ngako ke nenquleqhu eyenziwa ngomntwana oyintombazana. Ebesakufundiswa zonke iintwana-ntwana amele ukuzazi ngekhaya, kuqwelwe mhla wathonjiswa namhla wendiswa. Yonke loo nto yenzelwa ukuze abe yinkosikazi enesidima, unozala wesizwe esihloniphekileyo.

3 Yayingapheleli apho imfundo kwaXhosa kuba namadoda esizwe ayeqeqeshwa ngeendlela zonke zokukhusela isizwe nokugcina iintsapho ngolawulo olufanelekileyo, nokuhlonela abasemagunyeni. Amakhosikazi ayeqhubela phambili ngemisebenzi yokondla nokukhulisa usapho.

4 Kwakukho kwakweli ziko lemfundo yamaXhosa inyambalala yamasiko nezithethe ezazigcinwe ngokungqongqo, ukuze kulawule okuhle nocwangco esizweni sonke, isizwe singatyeki kumgaqo owabekwa ngamanyange angasekhoyo. Ewe, ezo yayizizinto zexabiso elikhulu ekwakufuneka zihlonitshwe ngumntu wonke ukuze singaphanzi isihomo sesizwe, akhwelele namashwangusha asisibetho kwabangahloneli siko.

5 Eyona njongo iphambili yemfundo asikokunika, ukungxala ulwazi nje kuphela kulowo ufundayo, ingekuko nokuhlakaniphisa koko kukwakha isimo somntu onguye, umntu oya kulawulwa yingqiqo eyiyo efungele ekuphakanyisweni komgangatho woluntu. Umntu onguye kufuneka aphelele. Yiyo loo nto imfundo ijoliswe ekufezekisweni kobume bomntu. Imxhobisa ngamava asisiseko kuyo yonke imingxilo yobomi.

6 Ikwangumgaqo ophambili wemfundo ukuxatyiswa kwezinto zexabiso entlalweni. Apha entlalweni kukho imigaqo emele ukukhokeliswa luluntu, sikholose ngayo isizwe ukuze siphakame. Kude kuthiwe ukungazi nto ngobugcisa akuyongozi njengokungazi nto ngemigaqo nezinto ezimele kukuxatyiswa luluntu entlalweni. Yiyo loo nto kubhetele kwa iqaba elingazi nto ngokubhala kunesifundiswa, ingcaphephe eyenza amahlazo angenziwayo liqaba.

7 Ukuze ibe iwufezile umsebenzi wayo imfundo kuya kufuneka ingamminxi lowo uyifumeneyo. Kufuneka imkrobise kuyo yonke imingxilo yobomi kangangokude abe nokuzihambela, angarholwa ngentonga. Yiyo loo nto kukho izibhalo ezingcwele, izitiya, umsebenzi wezandla, inzululwazi, izibalo, ezembali nezempilo njalo-njalo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *'Ingqangaba'* ebhalwe nguP.T. Mtuze, amaphepha 29−31, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

### ISICATSHULWA D

Funda esi sibhengezo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

# PASHASHA UNIFORMS

Ufuna umntwana wakho akhangeleke emhle esikolweni?
**Amaxabiso aphantsi ngokumangalisayo.**



**IKAMVA ELIQAQAMBILEYO KUMNTWANA OBUKEKAYO!!!**

Sinazo zonke iiyunifom zezikolo zeli leMpuma Koloni.

Sifumane kule dilesi:
7 Oxford Street
East London

Inombolo yomnxeba:
(043) 000 0000
pashasha@gmail.com

[Sicatshulwe kwi-intanethi www.lancashire.co.za, saze sahlelwa]

3.1 Yintoni le ithengiswa kule ntengiso ingentla? (1)

3.2 Chonga i-imeyile ongaqhagamshelana ngayo neli shishini. (1)

3.3 Ucinga ukuba ngowuphi umqolo onokutsala abathengi abangathathi-ntweni kule ntengiso? Cacisa. (2)

3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa kweefonti ezahlukileyo kule ntengiso? (1)

3.5 Sebenzisa igama 'ukuqaqamba' linike intsingiselo eyahlukileyo kule ikule ntengiso. (2)

3.6 Nika isithetha-ntonye segama 'OBUKEKAYO' njengoko lisetyenziswe kule ntengiso. Khetha kwezi mpendulo:

A Olungileyo
B Ococekileyo
C Ondwebileyo
D Ojongekayo (1)

3.7 Ingaba **yinyani** okanye **luluvo** ukuba umntwana obukekayo uba nekamva eliqaqambileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

### ISICATSHULWA E

Kha ujongisise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.




[Le khathuni ithatyathwe kwi-intanethi-www.shannonburns.com, yaze yahlelwa]

4.1 Ucinga ukuba le ngxoxo iqhubeka phi? (1)

4.2 Nika isizathu sempendulo eku- 4.1. ngasentla. (1)

4.3 Khankanya izifundo zibe-2 ezichatshazelwe kule ngxoxo. (2)

4.4 Ucinga ukuba yintoni isikhundla sesithethi esithetha kwiqam loku-1? Zathuza. (2)

4.5 Ingcingane yesithethi ekwiqam lesi-2 ibonakalisa ntoni ngendlela esivakalelwa ngayo ngalo mcimbi uxoxwa apha? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Ingaba ngokoluvo lwakho ilungile into yokugxekana xa kukho ingxoxo, njengale ntetho yesi sithethi ikwiqam lesi-3? Cacisa. (2)

**[10]**

## UMBUZO 5

## ISICATSHULWA F

Funda lo mhlathana ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

1 Imvumikazi ye-jazz yaseMzantsi Afrika uJudith Sephuma uzuze iimbasa eziliqela emculweni, kwaye utyelele waza wacula kumazwe ngamazwe ehlabathi kodwa uthi iLimpopo nembonakalo yomhlaba wayo uyayithanda. "ILimpopo intle, iluhlaza yaka kwaye izolile. Ndazinik' ixesha elaneleyo lokuyihlola kwaye ndiyazi ukuba iza kuveza iziqhamo emculweni wam loo nto", utshilo.

2 Utyelele eMagoebaskloof nomyeni wakhe kutshanje, kwaye uvuselele iinkumbulo zotyelelo losapho kule ndawo esengumntwana. "Umakazi wam nomyeni wakhe babesizisa kule ndawo qho ngonyaka. Xa ndifika ngoku sele iphucuke kakhulu kunakuqala. Naphi na apho ndihamba khona ndisoloko ndicula."

3 Ufike kudliwano-ndlebe lwethu enxibe ijini netophu entle, engathambisanga i*make-up* neenwele zakhe eziphothiweyo zingabotshwanga. Ulibhinqa elifudumeleyo, elinobubele nelithetha kamnandi ngeemini zalo zobuntwana, kwaye usoloko ethetha ngabantwana bakhe. Uthi iingoma zakhe aziqambileyo uzivavanya ebantwaneni bakhe. Usandul' ukutyandwa elunyaweni, ngoko uyaqhwalela.

4 UJudith wafudukela eJohannesburg ngowe-1992, kodwa utyelela kowabo ePolokwane nanini na xa efumana ithuba. Unabantwana abane, omncinci uneenyanga ezine, omdala sele ekwishumi elivisayo. Bazama kangangoko benako nomyeni wakhe ongumfoti.

[Sicatshulwe kwimagazini iBONA kaJanuwari 2008, iphepha lama-26, saze sahlelwa]

5.1 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwintetho-ngqo:

UJudith uthi iLimpopo nembonakalo yomhlaba wayo uyayithanda.

Qala ngolu hlobo: UJudith uthi, ... (2)

5.2 Xela indlela esisetyenziswe ngayo isifanekisozwi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo:

'ILimpopo intle kwaye iluhlaza yaka...' (1)

5.3 Ingaba isimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwigama elikwesi sivakalisi singezantsi sibonisa ntoni? Khetha impendulo echanekileyo.

"Umakazi wam nomyeni wakhe babesizisa..."

A Uzalwano
B Ubukhulu
*C* Isikhomokazi
D Isandiso (1)

5.4 Xela umsebenzi wesakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi:

'Naphi na apho ndihamba khona ndisoloko ndicula.' (1)

5.5 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo evumayo:

'Ufike kudliwano-ndlebe lwethu enxibe ijin netophu entle, engathambisanga i*make-up* ...' (1)

5.6 Xela ukuba isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sikoluphi uhlobo.

'... kwaye usoloko ethetha ngabantwana bakhe.' (1)

5.7 Sibonisa ntsingiselo ni isimamva u-ela kwesi senzi sikrwelelwe umgca ngaphantsi?

'UJudith wafudukela eJohannesburg ...' (2)

5.8 Nika isithetha-ntonye sesenzi esibhalwe ngqindilili kweli binzana lilandelayo:

'... kodwa **utyelela** ePolokwane kowabo nanini na ...' (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha